**Ngu Mongameli Henry B. Eyring**
UMcebisi WokuQala kuBongameli BokuQala beCawa



# Ubungqina kunye Nenguquko

Kunomahluko phakathi kokufumana ubungqina benyani kunye nokuguquka ngokwenene. Ngokomzekelo, uMpostile omkhulu uPetros wabelana ngobungqina bakhe kuMsindisi bokuba uYesu wayenguNyana kaThixo.

"[uYesu] Athi kubo, Ke nina nithi ndingubani na?

"Waphendula ke uSimon Petros wathi, Wena unguye uKristu, uNyana kaThixo ophilileyo."

"Waphendula uYesu wathi kuye, Unoyolo, Simon ka-Yona, ngokuba akukutyhilelwanga oku yinyama negazi, ukutyhilelwe nguBawo osemazulwini" (Mateyu 16:15-17).

Yaye kwakhona ethubeni elilandelayo, kumyalelo waYo kuPetros, iNkosi yamnika kunye nathi umgaqo wokuguquka ngenene kwaye nokwandisa loo nguquko ebomini bonke. UYesu wayitsho ngale ndlela: "Xa uguqukile, uze womeleze abazalwana bakho" (Luka 22:32).

UYesu wafundisa uPetros ukuba kwakusekhona utshintsho olukhulu okwakumele ukuba lwagqithe ukuba nobungqina bokuba ucinge, uve, kwaye wenze njengabafundi abaguqukile ngokwenene bakaYesu Krestu. Olo lutshintsho olukhulu esilufunayo sonke. Xa silufumana, sidinga olo tshintsho luqhubeke kude kube sekupheleni kovavanyo bobomi bethu basemhlabeni (bona Alma 5:13–14).

Siyazi kumava angawethu kunye nasekuqwalaseleni abanye ukuba ukuba namaxa amakhulu ambalwa wamandla omoya akuyikwanela. UPetros waphika ukuba wayemazi uMsindisi nasemva kokufumana ubungqina ngoMoya bokuba uYesu wayengu Kristu. AMangqina Amathathu weNcwadi kaMormoni ayenobungqina benene awayebunikeziwe bokuba iNcwadi kaMormoni yayi lilizwi likaThixo, kwaye emva koko bathandabuza amandleni wabo wokuxhasa uJoseph Smith njengo Mprofethi weBandla leNkosi.

Sidinga utshintsho ezintliziyweni zethu, njengolo luchazwa kwincwadi ka-Alma: "Baza bonke bavakalisa ebantwini into enye efanayo- yokokuba iintliziyo zabo ziguqulwe, nokokuba abasenawo umnqweno wokwenza ububi" (Alma 19:33; bona noMozaya 5:2).

INkosi yasifundisa ukuba xa siguqukile ngokwenene kwivangeli yaKhe, iintliziyo zethu ziyakuguqulwa kwiingcinga zethu ziguqulelwe kwinkonzo yokuphakamisa abanye njengoko besingise ngasentla ebomini banaphakade. Ukufumana loo nguquko, singathandaza kwaye sisebenze elukholweni ukuba sibe zizidalwa ezintsha ezenziwe ngeDini likaYesu Krestu.

Singaqala ngokuthandazelela ukholo lokutshintsha kwizinto zethu kunye nesipho sokukhathalelela abanye ukogqitha thina. Singathandazelela amandla wokubeka ecaleni igugu kunye nomona.

Umthandazo uyakuba ngundoqo kwaye nasekufumaneni isipho sothando lwelizwi likaThixo kunye nothando lukaKrestu (bona Moronayi 7:47–48). Esisibini sihamba kunye. Njengoko sifunda, sicingisise, kwaye sithandaze kwililzwi likaThixo, siyakulithanda. INkosi ilufaka ezintliziyweni zethu. Njengoko siluva olo thando, siyakuqala ukuthanda iNkosi ngakumbi nangakumbi. Ngako oko kuyakuza uthando lwabanye esiludingayo ukuze someleze abo uThixo ababeka endleleni yethu.

Ngokomzekelo, singathandazela ukuqaphela abo iNkosi ingathanda ukuba abafundisi-lizwi baYo ukuba babafundise. Abafundisi-lizwi besigxina bangathandaza ngokholo ukuba bazi ngoMoya into ekumele bayifundise kwaye bangqine ngayo. Bangathandaza ngokholo ukuze iNkosi ibenze bave uthando lwaYo kuye wonke umntu abadibana naye. Abafundisi-lizwi abazuzisa wonke umntu abadibana naye kumanzi wobhaptizo kunye nakwisipho soMoya oNgcwele. Kodwa bangabano Moya oyiNgcwele njenge qabane. Ngenkonzo yabo kunye nangoncedo loMoya oyiNgcwele, abafundisi-lizwi ngoko, exesheni, bayakutshintshwa ezintliziyweni zabo.

Oloo tshintsho luyakuvuselelwa kwakhona nakwakhona njengoko bona kunye nathi siqhubeka ngokuzinikela ebomini bethu bonke ekwenzeni ngokholo ekomelezeni abanye ngevangeli kaYesu Krestu. Inguquko ayiyikuba siganeko sinye okanye into ethile eyakuhlala ixeshana nje elinye lobomi kodwa iyakuba sisenzeko esiqhubekayo. Ubomi bungakhazimla kude kube lusuku olugqibeleleyo, xa siyakubona uMsindisi kwaye sifumane ukuba siye safana naYe. INkosi yaluchaza uhambo ngale ndlela: "Oko kukoku kaThixo kukukhanya; kwaye lowo othi afumane ukukhanya, kwaye aqhubeke kuThixo, ufumana ukukhanya okuninzi; kwaye oko kukhanya kuyakhula kukhazimle ngokukhazimla kude kube lusuku olugqibeleleyo" (D&C 50:24).

Ndiyanithembisa ukuba oku kunako ukwenzeka kuthi sonke.

---

**UKUFUNDISA NGALOMYALEZO**

UMdala David A. Bednar weQumrhu LabaPostile Abalishumi Elinambini wasebenzisa umzekeliso wetolofiya ukufundisa ukuba inguquko yinkqubo eqhubekayo kunokuba ibe sisiganeko saxesha nye: "Umgca phezu komgca kunye nomthetho phezu komthetho, kancinane kunye nangokungabonakalisiyo, iinjongo zethu, iingcinga zethu, amazwi wethu, kunye nezenzo zethu ziyakuhambelana nentando kaThixo" (Kufuneka Nizalwe Ngokutsha," *Liyahona,* uCanzibe 2007, 19). Cingisisa ukufunda umzekeliso wetolofiya kwabo ubafundisayo. Ingaba yintoni na omnye nomnye wethu angayenza ukuqhubela phambili ngokuzinza kwinkqubo ecothozayo yenguquko uMongameli Eyring kunye noMdala uBednar abaxoxa ngayo.

© 2015 ngo Intellectual Reserve, Inc. Onke amalungelo agciniwe. Kushicilelwe eUSA. Isivumelo sesiNgesi: 6/14. Isivumelo Senguqulelo: 6/14. Inguqulelo ye *First Presidency Message, February 2015*. Xhosa. 12332 774

## ULUTSHA

### Utshintsho Lwam Lwentliziyo

**Ngu Dante Bairado**

Xa ndandiqala ukufunda ngevangeli ebuyisiweyo kaYesu Krestu, ndeva uMoya ungqina ngobunyani bayo. Ngomthandazo, ubungqina bam baqinisekiswa, kwaye ndagqiba kwelokuba ndibhapatizwe.

Kwamsinyane emva kobhapatizo lwam, abantu kwisebe lam baqala ukundibuza ukuba ndandiziva kanjani ngokwenza umsebenzi wobufindisi. Ebunyanini, ndandingazi ukuba ndithini. Ingcinga yokushiya usapho lwam kunye nesikolo ndiyokwenza umsebenzi wobufundisi yayibonakala ingabhadlanga.

Kwaze ngenye imini ndaqala ukucinga ngenguquko yam. Ndakhumbula abafundisi-lizwi ababendifundisa, abaye baphendula imibuzo yam ngomonde kwaye bandinceda ukuba ndiqonde ivangeli. Ndaqonda ukuba ngaphandle koncedo lwabo, ngendandingazange ndilibone iBandla lenyaniso. Emveni kokuba ndenza loo mqondo, umnqweno wokunceda wakhula entliziyweni yam. Ndandiwuva uMoya undixelela ukuba kumele ndenze umsebenzi wobufundisi ngokupheleleyo.

Ndiyazi ukuba umsebenzi wobufundisi ngumsebenzi kaBawo wethu oseZulwini kwaye singanceda ngokuzisa imiphefumlo kulwazi olumangalisayo lwevangeli ebuyisiweyo.

*Umbhali uhlala eFortaleza, Brazil.*

## ABANTWANA

### Vumela Ubungqina Bakho Butshise Ngokukhazimla

Ukuzuza ubungqina kufana nokubasa umlilo. Njengoko kumele songeze iinkuni ukugcina umlilo uvutha, kufuneka sithandaze, siguquke, sincede abanye, sifunde izibhalo ezingcwele, kwaye sigcine imithetho ukunceda ubungqina bethu bukhazimle.

Ukufunda banzi ngokwakha ubungqina bakho, funda isibhalo ngasinye esikuluhlu olungezantsi. Zoba umlilo onamalangatya amahlanu amakhulu. Faka umbala kwilangatya kwisibhalo ngasinye osifundayo. Uninzi lwezibhalo ozifundayo, umlilo kunye nobungqina bakho buyakukhazimla ngamandla!

Mozaya 2:17
Alma 5:46
Alma 32:27
3 Nifayi 15:10
Yohane 5:39

# Iimpawu zikaYesu Krestu: Ngaphandle Kwesono

**Ukholo, Usapho, Uncedo**

*Funda ngokuthandaza ezi zinto kwaye ucele ukwazi ukuba ungabelana ngantoni. Ukuqonda kabanzi ubomi nendima yoMsindisi kuza kulukhulisa kanjani ukholo lwakho KuYe kwaye kuza kubasikelela kanjani abo ubagadisiweyo ngokubafundisa ngokubandwendwela? Ngenkcukacha ethe vetshe, yiya ku* ***reliefsociety.lds.org.***

*Le yinxalenye yothotho lwemiyalezo yokufundisa ngokuNdwendwela ibonisa iimpawu zoMsindisi.*

UMsindisi wethu, uYesu Krestu, yayinguye qwaba owayenokwazi ukwenzela uluntu idini. "UYesu Krestu, Imvana engenachaphaza, yazibeka ngentando kwisibingelelo sedini kwaye yahlawula ixabiso lezono zethu," watsho uMongameli Dieter F. Uchtdorf, uMcebisi Wesibini kuBongameli Bokuqala.[1] Ukuqonda ukuba uYesu Krestu wayengenasono kungasinceda sikhulise ukholo lwethu kuYe kwaye sizame ukugcina imithetho yaKhe, siguquke, kwaye sicoceke.

"Uyesu . . . wayengumntu wenyama kunye nomoya, kodwa Yena zange anikezele esilingweni" (bona Mozaya 15:5), watsho uMdala Todd Christofferson weQumrhu LwabaPostile Abalishumi Elinambini. "Singaguqukela kuYe . . . kuba Yena uyavisisa. Yena uyawuqonda umlo, kwaye Yena uyaqonda ukuba umlo uphunyelelwa kanjani. . . .

". . . Amandla weDini laKhe angacima iziphumo zesono kuthi. Xa siguquka, ubabalo lwedini laKhe luyasilungiselela kwaye luyasicoca (bona 3 Nifayi 27:16-20). Kuba ngathi zange sinikezele, ngathi zange sinikezele esihendweni.

"Njengoko sizama imihla ngemihla kunye neveki neveki ukulandela indlela kaKrestu, umoya wethu uvuma ubungangamsha bawo, imfazwe engaphakathi iyathotha, kwaye nezilingo ziyayeka ukukhathaza."[2]

### IziBhalo Ezongezelelweyo

Mateyu 5:48 ; Yohane 8:7; AmaHebhere 4:15; 2 Nifayi 2:5-6

### Okuvela kwiZibhalo eziNgcwele

UMsindisi wahlawula ixabiso lezono zethu ngobuNyana baKhe bobuThixo, ubomi baKhe obabungena sono, ukuhlupheka kwaKhe kunye nophalalo lwegazi laKhe egadini yaseGetsemane, ukufa kwaKhe emnqamlezweni kunye noVuko lwaKhe engcwabeni. NgeDini likaYesu Krestu, singacoceka kwakhona njengoko siguquka kwizono zethu.

Ukumkani uBhenjamin wafundisa abantu bakhe ngeDini likaYesu Krestu waze wabuza ukuba babewakholelwa amazwi akhe.

"Kwaye badanduluka bonke ngezwi elinye,besithi: . . . uMoya . . . owenze inguqu enzulu kuthi, okanye ezintliziyweni zethu, kangangokuba asinawo umnqweno wokwenza izenzo ezibi, kodwa ukwenza okulungileyo lonke ixesha. . . .

"Kwaye sizimisele ukungena kumnqophiso noThixo wethu ukuba senze intando yakhe, kwaye nokuba siyithobele imiyalelo yakhe kuzo zonke izinto"(Mozaya 5:1-2, 5).

Nathi ngokunjalo singabane "nguqu enzulu" njenga bantu bakaKumkani uBhenjamin, ababengena mnqweno wokwenza izenzo ezibi, kodwa ukwenza okulungileyo lonke ixesha" (Mozaya 5:2).

**IZIKHUMBUZO**

1. Dieter F. Uchtdorf, "Ungayenza Ngoku! *Liyahona,* eyeNkanga 2013, 56.
2. D. Todd Christofferson, "That They May Be One in Us," *Liyahona* eyeNkanga 2002, 71.

### *Cingisisa Ngoku*

Kuhluka kanjani ukucoceka ekugqibeleleni?

© 2015 ngo Intellectual Reserve, Inc. Onke amalungelo agciniwe. Kushicilelwe eUSA. Isivumelo sesiNgesi: 6/14. Isivumelo Senguqulelo: 6/14.
Inguqulelo ye *Visiting Teaching Message, February 2015.* Xhosa. 12332 774